



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**SENIOR CERTIFICATE/
NATIONAL SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOSA.2

ISIXHOSA ULWIMI LWESIBINI OLONGEZELELWEYO (SAL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2020

AMANQAKU: 80

IXESHA: liyure 2

Olu viwo lunamaphepha ama-6.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linaMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isincoko	(40)
ICANDELO B:	Umhlathi omde	(20)
ICANDELO C:	Umhlathi omfutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwiCANDELO ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Yenza uyilo (umzekelo: Imephu yengqondo/isazobe/okanye idayagramu/ iflowutshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze uwufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A:	Imizuzu engama-60
ICANDELO B:	Imizuzu engama-30
ICANDELO C:	Imizuzu engama-30
8. Nombola iimpindulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenziswe kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impindulo nganye isihloko esichanekileyo.
10. Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isincoko sibesiNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama angama-150 ukuya kuma-180.

- 1.1 Indalo. [40]
- 1.2 Kubalulekile ukuwagcina amanzi. [40]
- 1.3 Izinto endithanda ukuzenza ngexesha leholide. [40]
- 1.4 Abahlobo bam. [40]
- 1.5 Khetha umfanekiso ubeMNYE ubhale isincoko. Sinike isihloko esifanelekileyo isincoko sakho.

1.5.1



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.tes.com]

[40]

1.5.2



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.google.co.za]

[40]

1.5.3



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-google.co.za]

[40]

1.5.4



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-www.riaanphotography.com]

[40]

AMANQAKU ECANDELO A: 40

ICANDELO B: UMHLATHI OMDE**UMBUZO 2**

Bhala umhlathi omde ubeMNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-60–80 (umxholo kuphela).

2.1 ILETA YOBUHLOBO

Bhalela umhlobo wakho ileta umxelele ngekati okanyeinja yakho oyiphiweyo. **[20]**

2.2 ILETA ESESIKWENI – ISICELO SOMSEBENZI

Bhalela uManejala weSPCA ileta ucele ukuba livolontiya ngeholidi yakho kaDisemba.



[Lo mfanekiso uthathwe kwi-<https://encrypted-tbn2.gstatic.com>]

[20]**2.3 INGXELO**

Bhala ingxelo yonyaka ngombutho wakho okanye ngeqela lakho lezemidlalo esikolweni. **[20]**

2.4 INGXOXO YABABINI

Bhala ingxoxo phakathi kwakho nemvumi oyithandayo malunga nomculo wayo. **[20]**

AMANQAKU ECANDELO B: 20

ICANDELO C: UMHLATHI OMFUTSHANE**UMBUZO 3**

Bhala umhlathi ubeMNYE kule ilandelayo. Bhala amagama angama-40–60 (umxholo kuphela).

3.1 IPOWUSTA

Yila ipowusta uze ubhengeze imini yemidlalo phakathi kwesikolo sakho nesinye isikolo.

[20]**3.2 UNGENISO LWEDAYARI**

Bhala ungeniso lwedayari ngeentsuku ezintlanu ozichithe enqanaweni.



[Lo mfanekiso uthathwe kwi- www.clkr.com]

[20]**3.3 IMIYALELO**

Bhala imiyalelo oza kuyinika umntu ofuna ukubhala ileta yobuhlobo.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 80

